

Stories and science

Did you know that when children read stories it helps them develop ways of thinking that are important for success in science? To be a scientist, you need to be able to ask "what if" questions, make informed guesses and then test these guesses. Children need lots of opportunities to develop this kind of thinking – and stories provide these opportunities.

DRAWING CONCLUSIONS. Think about the stories you've read recently. How much of what you got from the story was given to you directly? Often stories give you clues rather than telling you something directly. For example, when you read, "Dan yawned and rubbed his eyes", you draw the conclusion that Dan must have been feeling tired. You do this by using the clues from the story and what you already know about "real life" – although you probably don't even realise you're doing it! Help your children develop their ability to think in this way by commenting and asking questions as you read stories together. For example, say, "I think he's tired. Do you think so too? How can you tell?"

PREDICTING. Every time you ask your children, "What do you think will happen next?" as you read aloud, you encourage them to use what they have already read and what they know, to predict what is still to come in the story. Learning to make fairly accurate predictions is an important part of being a successful reader. It's also an important science skill! Scientists predict what they think will happen when they test a theory they have developed.

SEQUENCING. In stories, there is a specific order in which things occur: first Goldilocks goes into the bears' house, then she tries their porridge, then she tries sitting on their chairs. So, as children read more and more stories, they learn about how things happen in a sequence. This understanding helps them with science experiments at school where they have to be able to notice a series of changes that take place and then describe them.

SOLVING PROBLEMS. Reading stories to your children develops their imagination and encourages them to be creative. Creativity is very useful when you're trying to think up new ways of solving a problem – something that scientists do often!

Amabali kunye nezenzululwazi



Ubusazi ukuba xa abantwana befunda amabali oko kubanceda ekuphuhliseni iindlela zokucinga ezibaluleke kakhulu kwimpumelelo yabo kwezenzululwazi? Ukuze ube sisazinzulu, kufuneka ukwazi ukubuza imibuzo efana naleyo ithi "ukuba kuthe ... kuza kwenzeka ntoni", wenze amaqashiso azikisiweyo uze ke emva koko uvavanye loo maqashiso. Abantwana bafuna amathuba amaninzi okuphuhlisa olu hlobo lokucinga – kwaye amabali ababonelela ngentlaninge yaloo mathuba.

UKWENZA IZIGQIBO. Cinga ngamabali okhe wawafunda kutshanje. Kungakanani okunikwe ngqo kokufumene ebalini? Kumaxesha amaninzi amabali akunika nje umkhondo kunokuba akuxelele into ngqo. Umzekelo, xa ufunde ukuba, "UDan wayekhama, etyikitya namehlo akhe", ufikelela kwisigqibo sokuba inokuba uDan wayeziva ediniwe okanye wayesozela. Oku ukwenza ngokusebenzisa umkhondo owunikwa libali kunye noko sele ukwazi "kubomi bokwenene" – nangona wena ungayicingi nokuyicinga into yokuba wenza oko! Nceda abantwana bakho baphuhlise amandla abo okucinga ngale ndlela ngokwenza amagqabantshintshi nokubuza imibuzo lo gama nifunda amabali kunye. Umzekelo, yiithi, "Ndicinga ukuba udiniwe. Ingaba nawe ucinga njalo? Ubona njani?"

UKUXELA KWANGAPHAMBILI. Ngalo lonke ixesha ubuza abantwana bakho lo mbuzo, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva koku?" njengokuba ufunda ngokuvakalayo, ubakhuthaza ukuba basebenzise oko sele bekufundile noko sele bekwazi, ukuze baxele kwangaphambili ukuba kuseza kwenzeka ntoni elandelayo ebalini. Ukufunda ukuxela kwangaphambili ngokuchanekileyo kangangoko yinxalenye yokuba ngumfundi onempumelelo. Kananjalo oko ikwasisakhono esibalulekileyo senzukulwazi! Izazinzulu zixela kwangaphambili ukuba zicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni xa zivavanya ingcingane eziyipuhlisayo.


ULANDELELWANISO. Emabalini, kukho indlela ethile izinto ezenzeka ngayo: kuqala uNwelezelanga uya kwindlu yamabhere, aze angcamle isidudu sawo, aze azame ukuhlala ezitulweni zawo. Ngoko ke, xa abantwana befunda amabali aya esanda, bafunda indlela izinto ezenzeka nezilandelelana ngayo. Oku kuqonda kubanceda xa besenza imifuniselo yezenzukulwazi esikolweni apho kufuneka bekwazile ukuqaphela uthotho lweenguqu ezenzeka kwizinto ze ke emva koko bacacise ezo nguqu.

UKUSOMBULULA IINGXAKI. Ukufundela abantwana bakho amabali kuphuhlisa amandla abo okuzenzela imifanekiso-ntelekelelo kwaye kubakhuthaza ukuba basebenzise ubugcisa babo. Ubugcisa buluncedo kakhulu xa uzama ukucinga iindlela ezintsha zokusombulula ingxaki – nto leyo yenziwa rhoqo zizazinzulu!



Drive your
imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebal.





Your story



Ibali lakho

Towards the end of 2014, we asked you to tell us how books and stories have shaped your life and the lives of your children. Here are some of the stories you shared with us!

Ekuzeni kuphela konyaka wama-2014, sakucela usixelele ukuba iincwadi namabali zibutshintshe njani na ubomi bakho nobabantwana bakho. Nanga amanye amabali enithe nabelana nathi ngawo!

“He is two years old, my boy. I’ve never been a big reader, but I’ve always understood the importance of stories because I work in theatre production. His mother is a bookworm though. Our house is lined with books and she makes sure that she reads to him every night. When she was out of town for three weeks, my son would pick books from the shelf and ask me to read them to him. Often it was the same books, and he would ask me to read them again and again. It shows you how important it is to be a role model for your kids ... and to see how they develop just from the way you bring them up. Stories have given me the power to support my child.”

Diya Jacobs, Mitchell’s Plain



“Unyana wam uneminyaka emibini. Andinguye umntu okuthanda kakhulu ukufunda, kodwa ndikwazi kakhule ukubaluleka kwamabali kuba ndisebenza ngemidlalo yeqonga. Kodwa ke, umama wakhe yena ukuthanda kakhulu ukufunda. Ikhaya lethu lizele ziincwadi kwaye umama wakhe uqinisekisa ukuba uyamfundela rhoqo ebusuku. Ngenxa yokuba umama wakhe wayekhetha iiveki ezintathu, unyana wam wayekhetha iincwadi kwishelufa aze *andicele* ukuba ndimfundele. Yayisoloko iziincwadi ezinye, kwaye wayendicela ukuba ndimfundele zona ndiziphindaphinde. Oku kubonisa indlela ekubaluleke ngayo ukuba ngumzekelo kubantwana bakho ... kunye nokubona ukuba baphuhla njani na

nje ngendlela le obakhulisa ngayo. Amabali andinike amandla okuxhasa umntwana wam.”

nguDiya Jacobs, waseMitchell’s Plain

“One of my earliest memories is learning to read with my mother. I would make her read the same book over and over until I basically learnt how to read the words with her. So, from a very young age stories created a very important time for sharing and being with each other. Stories have given me the power to share and receive knowledge and ideas.”

Jen Thorpe, Cape Town




“Ezinye zeenkumbulo zam ndisemncinane kukufunda ukufunda kunye nomama wam. Ndandimenza afunde incwadi enye eyiphindaphinda, ndade ndayazi indlela yokufunda amagama kunye naye. Ngoko ke, xa ndandisemncinane kakhulu, amabali adala ixesha elibalulekileyo kuthi lokwabelana kunye nokuhlalisana kwethu sobabini. Amabali andinike amandla okwabelana kunye nokufumana ulwazi neengcebiso.”

uJen Thorpe, waseKapa



“My son is now 8 years old. When he was 2, I took him to the Vulindlela Reading Club in Langa. I knew that if I wanted to grow a love of reading in him, I’d have to start early. For me, as a parent, it’s my responsibility to make sure that he finds the right books. That culture of reading starts with parents, and that growth happens every night after school – at home with me. Now, books are part of his everyday life. Stories give us the power to change our children’s path.”

Tlalane Manciya, Langa



“Unyana wam uneminyaka esi-8 ngoku. Xa wayeneminyaka emi-2, ndamsa kwiklabhu yokufunda ekuthiwa yiVulindlela, ekwaLanga. Ndandisazi mhlophe ukuba xa ndifuna ukukhulisa uthando lokufunda kuye, kufuneka ndiqale kwangethuba. Ngokokwam, njengomzali, luxanduva lwam ukuqinisekisa ukuba ufumana iincwadi ezimlungeleyo. Inkubeko yokufunda iqala ebazalini, kwaye ukukhula nophuhliseko lwenzeka rhoqo ebusuku, ukuphuma kwesikolo – lusenzeka ekhaya kunye nam. Kungoku nje, iincwadi ziyinxalenye yobomi bakhe bemihla ngemihla. Amabali asinika amandla okutshintsha indlela nekhondo emalithatyathwe ngabantwana bethu.”

uTlalane Manciya, wakwa Langa

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine


1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.






kodwa zazinde kakhulu kuGeorge.

but too long for George.



Ingxowa zeplastiki zazimfutshane kakhulu kuJeff,

The plastic bags were too short for Jeff,



kunokuba babcinga.

njengebhadi. Kodwa oku kwakunzinyana neqala ezimpoundweni ukuya emangqineni kaGeorge ezinzwaneni, kwaye ngokungathandabuzekiyo, kumkhusela emvuleni ukugala entloko ukuya Bagqiba kwelokuba benzele uJeff isikhwehle esiza

UJeff wayekuthanda ukuzilungiselela. Yayinye indlela ebadenokuphuma ngayo ngokonwaba, kwakuxa bezilungiselele kakuhle.

UJeff wayekuthanda ukuzilungiselela. Yayinye indlela ebadenokuphuma ngayo ngokonwaba, kwakuxa bezilungiselele kakuhle. They thought. for George. But this was a little harder than for Jeff and, of course, a horn-to-hoof raincoat They decided to make a head-to-toe raincoat were well prepared. Jeff likes to be prepared. The only way they would go out happily is if they



Penguin Random House South Africa



Penguin Random House offers a great selection of titles for little bookworms



Available at all good bookstores and online www.penguinbooks.co.za | www.randomstruik.co.za

Extract and images taken from Jeff and George and the totem pole by Emily Child and Julia Anastasopoulos, published by Penguin Books South Africa.

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



It starts with a story...

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Fold

Jeff and George and the totem pole


UJeff noGeorge kunye nepali ende engumfanekiso oqingqiweyo



Emily Child Julia Anastasopoulos

UJeff wayenombono weglassi zakhe zamehlo
ziphaphathekiswa ngumoya ukusuka
emehlweni akhei!

Jeff imagines his glasses flying off his face!




UGeorge wayeba nombono wakhe
ephaphathekiswa ngumoya!

George imagines being blown away by the wind!

Jeff and George were bored. It had been raining
for three days and they were running out of
things to do in their little Cape Town flat.

UJeff noGeorge babenesithukuthezi.
Kwakusele kuzintsuku ezintathu kunetha
kwaye babengasayazi ukuba mabadlale
ntoni na engenye kwelo khayana
labo liseflethini eKapa.



baze bazithandle ke kuGeorge.

and wrapping them around George.




Bazama ukuzincamathelisa kuJeff,

They tried sticking them to Jeff,

What a perfect day. Jeff and George were so happy.
They pranked with joy, and they saved their lucky
plastic totem-suits for the next rainy day.


Yaba lusuku olumnandi. UJeff noGeorge
babonwabe kakhulu. Bacakatha, bexhuma-
xhuma luvuyo baze bazigcina iisuti zabo zeplastiki
ezenziwe njengemifanekiso yabo eqingqiweyo,
nezibanika amathamsanqa ukuze zibakhusele
kusuku olunethayo oluya kuza lufike.





baze baziqhoboshele zincamathela kuGeorge.

and sticking them to George.



Bazama ukuzibophelela, bezizqhina kuJeff,

They tried tying them to Jeff,

They could see Table Mountain again!




Bakwazi ukuyibona kwakhona iNtab' eTafile!

UJeff noGeorge bakhathazeka kakhulu xa imozulu ilolu hlobo kwaye ngamanye amaxesha baba nenathumane zasemini nditsho bengalanga nokulala. Inathumane zasemini ngamaphupha amabi akufikela emini nditsho ungalelanga nokulala. La maphupha mabi ayesiba ngawokucinga ukuba kungenzeka ntoni xa benokuphuma phandle kule mozulu imbi kangaka.

Jeff and George worry a lot when the weather is like this and they sometimes have daymares. Daymares are nightmares that happen during the day when you are awake. These daymares would be about what could happen if they went outside. Ikapa yindawo eyoyikakayo ebusika. Ivuthuza umoya, kwaye kunetha izandiyondyo zemvula. Ngamanye amaxesha kumnyama thsu yinkungu kangangokuba ungayiboni neNtab' eTafile!


Cape Town can be a scary place in winter. It can be very windy, and it can rain very hard. There is sometimes so much mist that you can't even see Table Mountain!



They had already talked about rugby, because that's their favourite thing to talk about, jumped on the beds, or in George's case, pranked on beds because that's what springboks do ...

Babesele bencokolile ngebhola yombhoxo, kuba yayiyeyona nto bathanda ukuthetha ngayo leyo, babesele bexhumaxhumile ezibhedini, okanye gabula George, wayesele etsiba-tobile ecakatha njengebhadi lasendle ezibhedini kuba enza njalo kanye amabhadi ...





... sele benze nemifuziselo yabo emincinane ngeetapile.

... and made little potato versions of themselves.



... babesele bezihlambde zonke izitya ...

... washed all the dirty dishes ...


... re-organised the fridge, or in Jeff's case, re-RE-organised the fridge, because that's what Jeffs do, ...

... babesele besihlengahlengisile kwakhona isikhenkcezisi, okanye, gabula Jeff, selekhe BAPHINDA basihlengahlengisa kwakhona isikhenkcezisi, kuba oko yeyona nto yayisenziwa ngooJeff, ...



Now they were ready for anything! They opened the door, ready to face the weather. All of a sudden, the rain stopped and the sun began to shine.

Ngoku babelungele nantoni na! Bavula ucango, belungele ukujongana nemozulu embi. Ngephanyazo, yayeka imvula laze lavela ilanga.



Nothing seemed to work! Until they came up with a plan. The Jeff and George totem pole! Kwakungekho nanye into eyasebenzayo! Bade bacinga cebo limbi. Ipali ende engumfanekiso oqingqiweyo kaJeff noGeorge!

Now they were ready for anything! They opened the door, ready to face the weather. All of a sudden, the rain stopped and the sun began to shine.


Ngoku babelungele nantoni na! Bavula ucango, belungele ukujongana nemozulu embi. Ngephanyazo, yayeka imvula laze lavela ilanga.





“Reading is part of my family culture. Stories are very important to me as a mother and as a role model to my children. We bond, get to understand our world, learn, and grow together through stories. Stories have challenged me to always seek more knowledge – I know that I’m never too old to learn. They teach good morals and values, such as love, caring, respect, unity and humility. Stories are also very motivational. Stories have shaped me into the person that I am.”

Nompilo Mthenjana, Nongoma



“Ukufunda yinxalenye yenkcubeko yosapho lwam. Amabali abaluleke kakhulu kum njengomama nanjengomzekelo ebantwaneni bam. Siyasondelelana, sizame ukuqonda ilizwe esiphila kulo, sifunde kwaye sikhule kunye ngokufunda amabali. Amabali andinika umceli mngeni wokuba ndisoloko ndifuna ulwazi olungaphezulu – ndazi kakuhle ukuba ukufunda akukhulelwa. Afundisa isimilo esilungileyo kunye nendlela yokuziphatha ngokubhekiselele kuthando, inkathalo, imbeko, umanyano, kunye nokuzithoba. Kananjalo amabali ayakhuthaza kakhulu. Amabali andenze ndangulo mntu ndinguye namhlanje.”

nguNompilo Mthenjana, waKwaNongoma

“I am the manager of the Rural Child Bookshop because I want to give to other children what my child has. My boy was often distracted by video games and cellphones. I made the effort to read with him, and to him, every night until the book, *The Diary of a Wimpy Kid* caught his attention. As soon as he connected with that one book, he was reading all the books on the shelf! We still read together every night. Stories have given me the power to be a better parent.”

Janine Riddles, Mowbray



“Ndingumlawuli wevenkile yeencwadi i-Rural Child Bookshop kuba ndifuna ukunika abanye abantwana oko abantwana bam sele benakho. Unyana wam ebesoloko ephazanyiswa yimidlalo yeevidiyo kunye neyeselula. Ndenza iinzame zokufunda kunye naye, kwanokumfundela, rhoqo ebusuku, de watsalwa umdla yincwadi esihloko sithi, *The Diary of a Wimpy Kid*. Uthe akubiwa umxhelo yiloo ncwadi inye, ngoku wafunda yonke into eyincwadi eseshelufini! Sisaqhuba sifunda kunye rhoqo ebusuku. Amabali andinike amandla okuba ngumzali ongcono.”

nguJanine Riddles, waseMowbray



Give-away!

Would you like to own a copy of *Jeff and George and the totem pole*, or a “Jeff and George” T-shirt? Then enter our lucky draw by sending your name, postal address and whether you would like an English or Afrikaans copy of the book to info@nalibali.org, or fax it to 021 448-0991 by 28 February 2015.

Isipho!

Ingaba ungathanda ukuba nencwadi eyeyakho ethi, *Jeff and George and the totem pole*, okanye isikipa esinomfanekiso kaJeff noGeorge? Ukuba kunjalo ke, ngenela ukhuphiswano lwethu lokutsalwa kwamagama emnqwazini ngokusithumelela igama lakho, idilesi yakho nokuba ingaba ungathanda ukufumana incwadi ebhalwe ngesiNgesi okanye nge-Afrikaans kusini na, ku-info@nalibali.org, okanye ufekelele ku-021 448-0991 ngaphambi komhla wama-28 kweyoMdumba kowama-2015.



Penguin
Random House
South Africa

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Story corner

Here is a new story for you to read or tell. It is about how a young boy helped Baboon and Monkey learn an important lesson.

Phindulo and the pumpkin (Part 1) By Kai Tuomi

The sun looked like a small ripe melon in the sky high above Phindulo's head. He liked to walk through the bush and listen to the birds singing in the trees. But today was different. There was a big noise coming from deep in the bush. It sounded like an argument.

Phindulo followed the noise until he came to a clearing. In the middle of the clearing, he saw Baboon and Monkey shouting at each other. He also saw an E-N-O-R-M-O-U-S pumpkin. Baboon and Monkey stood on either side of the pumpkin. Baboon showed his big teeth and Monkey chattered and shook his head. They both looked very angry.

"Hello," said Phindulo. "What's going on?"

"Phindulo," said Monkey, "Baboon is being greedy."

"Oh, please," said Baboon. "Monkey is being greedy."

"I saw it first," said Monkey. He waved his little fist towards the pumpkin.

"Whoa," said Phindulo. "Stop! I thought you two were friends?"

"Well, uh mmm," said Monkey. "Look, we were out walking when I saw this big pumpkin here. We both ran for it and Baboon got to it first. Now he says that it's his pumpkin."

"It is my pumpkin!" said Baboon. "I touched it first, so it's mine."

"Well, I saw it first. You would have walked right past it if it wasn't for me!" said Monkey.

"Oh, please," said Baboon.

"And now what?" asked Phindulo. He sat down on the grass in front of them. After a long time he said, "Gosh! That is a very big pumpkin."

"We already know that," said Baboon and Monkey rolling their eyes.

"It reminds me of our apple tree," said Phindulo.

"Your apple tree?" asked Monkey frowning. "What are you talking about, Phindulo?"

"Well," said Phindulo, "just last year, the apple tree in our garden grew so many apples that every cupboard and basket in the house was filled with apples. And no matter how many we ate and made into pies, there were still too many for my mama, my tata and me. It's sort of like this pumpkin."

Find out next week what they decide to do with the big pumpkin!

Indawo yamabali

Nali ibali elitsha onokulifunda okanye ulibalise. Limalunga nenkwenkwe encinane eyafundisa uMfene kunye noNkawu isifundo esibalulekileyo.

UPhindulo kunye nethanga (Inxalenye 1) Libhalwe nguKai Tuomi

Ilanga lalikhangeleka njengevatala evuthiweyo esibhakabhakeni esasiphezulu, kude lee kwintloko kaPhindulo. Wayekuthanda ukuhamba-hamba ehlathini amamele iintaka zicula emithini. Kodwa usuku lwanamhlanje lwalahlukile. Kwakukho ingxolokazi eyayivela phakathi ehlathini. Kwakuvakala ngathi kukho ingxwabangxwaba.

UPhindulo walandlela isandi sengxolo leyo wade wafika kwindawo elibala elingenamithi. Embindini weli bala wabona uMfene esilwa ngamazwi kunye noNkawu. Kananjalo wabona ithanga E-L-I-K-H-U-L-U. UMfene wayemi kwelinye icala lethanga noNkawu emi kwelinye icala. UMfene wayesineke ngamazinyo akhe amakhulu wabe uNkawu yena ekhankquza, enikina intloko.

"Molweni," wabulisa uPhindulo. "Kwenzeka ntoni?"

"Phindulo," watsho uNkawu, "uMfene unyolukile kwaye unomgrunu."

"Owu, hayi suka ndincedeni," watsho uMfene. "NguNkawu onyolukileyo."

"Ndilibone kuqala eli thanga," watsho uNkawu. Waphakamisela phezulu inqindana lakhe elincinane, ejolise kweli thanga.

"Hanewu," watsho uPhindulo. "Yimani! Bendinga ukuba nobabini ningabahlobo?"

"E-e-e mmm," yatsho iNkawu. "Khangela apha, besizihambela kunye nje suka ndabona eli thanga. Sobabini sibaleke saya kulo waze uMfene wafika kuqala. Ngoku uthi lithanga lakhe."

"Kakade lithanga lam!" watsho uMfene. "Ndilibambe kuqala, ngoko ke lelam."

"Kodwa ke, ndilibone kuqala. Ubuza kuhamba udlule kulo ukuba bendingalibonanga!" watsho uNkawu.

"Owu, hayi suka ngumoya lowo," watsho uMfene.

"Ngoku ke niza kuthini?" wabuza uPhindulo. Wahlala phantsi engceni phambi kwabo. Emva kwethuba elide wathi, "Owu Nkosi! Alilikhulu nje neli thanga."

"Kowu uthetha into esiyaziyo," kwatsho uMfene noNkawu ngaxeshanye, begungquzisa amehlo abo.

"Lindikhumbuza umthi wethu wama-apile," watsho uPhindulo.

"Umthi wenu wama-apile? kwabuza uNkawu. "Uthetha ngantoni na, Phindulo?"

"Kaloku," watsho uPhindulo, "kulo nyaka uphelileyo, umthi wama-apile osesityeni sethu wathwala ama-apile amaninzi kangangokuba ikhabhathi nengobozi nganye endlwini zagcwala ngama-apile. Kangangokuba nokuba ayemangaphi esasinokuwatya, okanye senze nangawo neepayi zama-apile, ayemaninzi kakhulu ukuba angangawam, nomama notata kuphela. Ingathi yinto efanayo nje neli thanga."

Funda kwiveki ezayo ufumanise ukuba kugqitywe ukuba kuthiweni na ngethanga elikhulu kakhulu!



Illustration by Natalie and Tamsin Hinrichsen
Umfanekiso nguNatalie noTamsin Hinrichsen

Are you on Mxit? Download our Nal'ibali app for literacy tips, polls and stories in a range of South African languages to enjoy on your mobile phone. Go to <http://m.mxit.com>. Then, go to **Discover>Apps>Search** and type **nalibali** to get started.



Ingaba unaye uMxit? Zikopele i-app yethu yeNal'ibali yeengcebiso ngelitheresi, uvoto kunye namabali angeelwimi ezohlukileyo zaseMzantsi Afrika ukuze uyonwabele kwiselula yakho. Yiya ku-<http://m.mxit.com>. Emva koko yiya ku-**Discover>Apps>Search** uze uchwezeze igama elithi **nalibali** ukuze ukwazi ukuqalisa.

**Find us on Facebook:
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA**

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your
imagination

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld